OLD MUTUAL
SUPERFUND

# YINTONI ICANDELO 13A?

Icandelo 13A (S13A) licandelo lePension Funds Act. Limisela ukuba Abaqeshi kumele bahlawule imirhumo kwiingxowamali zepenshini abathatha inxaxheba kuzo, ngokomthetho waseMzantsi Afrika.

**Lo Mthetho uthi:**

***"Nayiphi na imirhumo eya kule ngxowamali ... iya kugqithiselwa ngqo kwiakhawunti yale ngxowamali ... kungadllulanga iintsuku ezisixhenkxe emva kokuphela kwale nyanga ihlawulelwa yona le mirhumo."***

Umzekelo, njengoMsebenzi, uyinxalenye yeOld Mutual SuperFund. Ngoko, uMqeshi unesibophelelo ngokomthetho sokuhlawula imirhumo yemali eselugcinweni yomhlalaphantsi wakho, netsalwa kumvuzo wakho wenyanga isiwe kwiSuperFund ungadlulanga umhla wesi-7 enyangeni, umz. imali etsalwe kumvuzo wakho ekupheleni kukaMatshi kumele ifike kwiSuperFund kungadlulanga umhla wesi-7 kuApreli.

## Kwenzeka ntoni kuBaqeshi ukuba le mirhumo ayigqithiselwanga ngexesha?

- Ingxowamali kumele ibhatalise uMqeshi inzala ngentlawulo engena emva kwexesha njengoko kumiselwe ngulo Mthetho.
- Xa ibhatelwe, le nzala ifakwa kwimali eselugcinweni yomhlalaphantsi waMalungu ukuze iwabuyekeze ngelahleko yezemali asenokuba ayifumene ngenxa yentlawulo notyalo lwemirhumo olusemva kwexesha.
- ABathenjwa beSuperFund babophelelekile ukuba babaxele aBaqeshi abangalithobeliyo iCandelo 13A kwiFinancial Sector Conduct Authority (i-FSCA) nakwiSouth African Police Services (i-SAPS).
- Ingxowamali inesibophelelo sokuchazela aMalungu ngqo ngembalelwano ukuba uMqeshi akayithobeli nayiphi na kule mimiselo.
- Imiphumo yokungathotyelwa komthetho ingohluka, ukusukela kwimali yezohlwayo engagqithiyo kwi-R10 million ukuya kukuvalelwa etrongweni ukuya kutsho kwiminyaka eli-10.

## Iinguqu zamvanje


Ukususela nge- 19 kaFebhuwari 2023, nokongeza kukuhlawulwa kwemirhumo njengoko kuchaziwe ngasentla, kwenziwe kwanyanzeleka ukuba uMqeshi wenu abonelele iSuperFund ngeenkcukacha ezithile. Oku kuquka:

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1 | igama elipheleleyo | 6 | iinkcukacha zayo nayiphi imirhumo eyongezelelweyo ozikhethele ukuyihlawula |
| 2 | umhla wobulungu | 7 | idilesi yeimeyili (xa unayo) |
| 3 | umhla wokuzalwa | 8 | idilesi yeposi |
| 4 | inombolo yerhafu | 9 | idilesi yendawo yokuhlala |
| 5 | Inombolo yesazisi saseMzantsi Afrika okanye inombolo yepasipoti | 10 | inombolo yoqhagamshelwano, kuquka nenombolo yeselfowuni (xa unayo) |

## Yintoni endiza kuyifumana?

Ukuba uMqeshi wakho uhlawula imirhumo ngexeha, utyalo-mali lungenziwa msinyane.
Ukuba iingcombolo zakho zichanekile, ungayilandela imali yomhlalaphantsi eselugcinweni imini yonke/yonke imihla ngoWhatsApp okanye ngeeNkonzo Ezinqatyisiweyo.

Skena le QR khowudi ukuze ufikelele kwiSteyitimenti seeBhenefithi zakho kuWhatsApp.




**Cofa apha** ukwenzela isikhokelo ngendlela yokubhalisela iiNkonzo Ezinqatyisiweyo.

## Iinkcukacha zakho zikhuselekile kuthi

I-SuperFund ithembisa ukuba awusoze ufumane iminxeba okanye ii-imeyili ezinganxibelelananga ngqo nemali eselugcinweni yomhlalaphantsi wakho.

Ungalindela kuphela ulwazi oluxabisekileyo kunye nokuba selubala kuthi **apha**.

Ubusazi?

**ISuperFund inceda ngaphezu kwamalungu ayi- 456 000 akhulise imali yomhlalaphantsi eselugcinweni kwaye aqinisekise umhlalaphantsi wawo.**

OLDMUTUAL

DO GREAT THINGS EVERY DAY

Old Mutual Life Assurance Company (SA) Limited is a licensed FSP and Life Insurer.